**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha linaMACANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isincoko | (40) |
| ICANDELO B: | Umhlathi omde | (20) |
| ICANDELO C: | Umhlathi omfutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo omNYE kwiCANDELO ngaliNYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala icandelo ngaliNYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza uyilo (umzekelo: Imephu yengqondo/isazobe/okanye idayagramu/ iflowutshati/amagama angundoqo, njalo-njalo). Hlela uze uwufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   - ICANDELO A: Imizuzu engama-75
   - ICANDELO B: Imizuzu engama-38
   - ICANDELO C: Imizuzu engama-37

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: ISINCOKO

Khetha isincoko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-150–180. Sebenzisa imizuzu engama-75 kweli candelo.

### UMBUZO 1

1.1 Imini yemidlalo esikolweni sam **[40]**

1.2 Umculo endiwuthandayo **[40]**

1.3 Ipati yomhla wokuzalwa kwam **[40]**

1.4 Ndahleka kakhulu loo mini **[40]**

Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Bhala inombolo yombuzo (1.5 OKANYE 1.6 OKANYE 1.7 OKANYE 1.8). Nika isincoko sakho isihloko esifanelekileyo.

**QAPHELA:** Makubekho ukuzalana okucacileyo phakathi kwesincoko nomfanekiso owukhethileyo.

1.5



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-wwwpicell.google.co.za] **[40]**

## ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

Khetha umhlathi omde ube mNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-60–80 (umxholo kuphela). Sebenzisa imizuzu engama-38 kweli candelo.

### UMBUZO 2

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umama okanye utata wakho ileta ubulele ngemali akuphe yona yokuthengela umhlobo wakho isipho. **[20]**

2.2 **ILETA ESESIKWENI**

Bhalela inqununu yesikolo sakho ileta uxele ukuba kutheni ungayingenisanga ngethuba i-asayimenti yakho kutitshala. **[20]**

2.3 **INGXELO EMFUTSHANE**

Bhala ingxelo emfutshane oza kuyenzela abafundi beklasi yakho ngengxoxo-mpikiswano (ngedibheythi) ebeninayo nabafundi besinye isikolo. **[20]**

2.4 **IRIVYU**

Bhala irivyu yerestyu (restaurant) obuye kutya kuyo nosapho (nefemeli) yakho. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 20**

## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

Khetha umhlathi omfutshane ube mNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-40–60 (umxholo kuphela). Sebenzisa imizuzu engama-37 kweli candelo.

### UMBUZO 3

3.1 **IFLAYA**

Bhala iflaya wazise ngeeseshini zejim (gym sessions) eziza kuqhuba esikolweni sakho. **[20]**

3.2 **UMYALEZO OMFUTSHANE KA-WHATSAPP**

Bhala umyalezo ka-WhatsApp oya kwiqela labafundi beklasi yakho ubakhumbuze ngomsebenzi ekufuneka niye kuwenza elayibhrari ongena kusuku olulandelayo. **[20]**

3.3 **IZALATHISI**

Bhala izalathisi zokubonisa umhlobo wakho indlela esuka eTrain Station eya eHigh School. Landela iintolo (arrows) ezisemephini. **[20]**

**QAPHELA: IMEPHU EHAMBA NOMBUZO 3.3 IKWIPHEPHA ELILANDELAYO.**

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

**ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)**

**IPHEPHA LESITHATHU (P3)**

**NOVEMBA 2022**

**ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

**AMANQAKU: 80**

**Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-13.**

Esi sikhokelo sokumakisha masisetyenziswe kunye neerubrikhi ezisukela kwiphepha le-12 ukuya kwele-13 le sisikhokelo.

## ICANDELO A: ISINCOKO

### Imiyalelo yokumakisha

- Kulindeleke ukuba umviwa abhale ngesihloko esinye kuphela.
- Imixholo ekhankanyiweyo isisikhokelo sendlela ezinokutolikwa ngayo izihloko ngabaviwa. Imixholo abanokubhala phantsi kwayo kwisincoko ngasinye ihambelana nombuzwana ngamnye.
  Umviwa otolike ngendlela engabhalwanga apha ehambelanayo nesihloko makanikwe amanqaku akhe azeleyo.
- Isincoko masibe namagama ali-150–180 ubude. (Umxholo kuphela). Mawangabalwa amagama esihloko xa kubalwa amagama.
- Makangohlwaywa umviwa obhale isincoko esilolunye udidi ngaphandle kwesibalisayo/esichazayo.
- Sebenzisa irubrikhi yeCandelo A enamanqaku angama-40 ukumakisha izincoko.

**UMBUZO 1**

1.1

| | |
|---|---|
| Isihloko: | Imini yemidlalo esikolweni sam |
| | |
| Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. |
| Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. |

| | | | |
|---|---|---|---|
| Umxholo | **Kulindeleke ukuba umviwa abalise/achaze ngoku kulandelayo:**<br><br>• Imini yemidlalo gabalala esikolweni.<br>• Angabalisa ngesiganeko esenzeka ngosuku lwemidlalo esikolweni.<br>• Okwakumnandi/ okwakukubi ngale mini inye yemidlalo.<br>• Angathetha ngendlela olwaqala lwada lwaphela ngayo olu suku.<br>• Angakhankanya akufundileyo ngolo suku.<br><br>(Umviwa angabandakanya nezinye izinto malunga nale mini.)<br>(Umviwa angasitolika ngokwentsingiselo yentsusa/ efihlakeleyo isihloko.) | | **[40]** |

1.2

| | |
|---|---|
| Isihloko: | Umculo endiwuthandayo |
| | |
| Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. |
| Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. |

| | | | |
|---|---|---|---|
| Umxholo | **Kulindeleke ukuba umviwa abalise/achaze ngoku kulandelayo:**<br><br>• Unokuchaza iindidi zomculo gabalala.<br>• Imvelaphi yomculo awuthandayo.<br>• Indima edlalwa ngumculo ebantwini.<br>• Imini awayemamele umculo wakhe awuthandayo.<br>• Ukhuphiswano lomculo.<br><br>(Umviwa angasitolika ngokwentsingiselo yentsusa/ efihlakeleyo isihloko.) | | **[40]** |

1.3

| | |
|---|---|
| Isihloko: | Ipati yomhla wokuzalwa kwam |
| | |
| Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. |
| Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. |

| | | | |
|---|---|---|---|
| Umxholo | **Kulindeleke ukuba umviwa abalise/achaze ngoku kulandelayo:**<br><br>• Usuku lwepati, indawo nexesha.<br>• Angakhankanya abantu/ umntu owayemenzela le pati.<br>• Angakhankanya izinto awazithandayo nezilwenza olu suku lube lolukhethekileyo.<br>• Indima yabantu ababelungiselele ipati yakhe.<br>• Angabalula abahlobo ababekho epatini yakhe ukuyenza mnandi.<br>• Iimvakalelo zakhe ngako konke okwakuqhubeka.<br><br>(Umviwa angasitolika ngokwentsingiselo yentsusa/ efihlakeleyo isihloko.) | | **[40]** |

1.4

| | |
|---|---|
| Isihloko: | Ndahleka kakhulu loo mini |
| | |

| | |
|---|---|
| Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. |
| Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanele-kileyo. |

| | | | |
|---|---|---|---|
| Umxholo | **Kulindeleke ukuba umviwa abalise/achaze ngoku kulandelayo:**<br><br>• Angakhankanya isenzo esambangela ukuba ahleke kakhulu loo mini.<br>• Indawo nexesha kunye nabantu awayekunye nabo.<br>• Angabalula indlela eyaphela ngayo loo mini.<br>• Angakhankanya awakufundayo ngaloo mini.<br><br>(Umviwa angabandakanya nezinye izinto malunga nale mini.) | | **[40]** |

1.5 Umfanekiso.

| | |
|---|---|
| Isihloko: | Umviwa makasinike isihloko isincoko sakhe. |
| | |

| | |
|---|---|
| Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. |
| Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. |

| | | | |
|---|---|---|---|
| Umxholo | **Kulindeleke ukuba umviwa abalise/achaze ngoku kulandelayo:**<br><br>• Ukubaluleka kwemfundo gabalala.<br>• Okuqhubeka esikolweni.<br>• Angathetha ngokubaluleka kokubhala.<br>• Angakhankanya ukubhala iimviwo.<br>• Unokuthetha ngetalente yokubhala.<br>• Angathetha ngokulungisa iimpazamo ebomini.<br>• Angathetha ngokubhala njengechiza lokuzinyanga.<br><br>(Umviwa angawutolika ngendlela awubona ngayo umfanekiso engeyiyo le isikhokelo siwubona ngayo kodwa ke loo mbono mayibe kumxholo womfanekiso.) | | **[40]** |

1.6 Umfanekiso.

| | |
|---|---|
| Isihloko: | Umviwa makasinike isihloko isincoko sakhe. |
| | |

| | |
|---|---|
| Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. |
| Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. |

| | | | |
|---|---|---|---|
| Umxholo | **Kulindeleke ukuba umviwa abalise/achaze ngoku kulandelayo:**<br><br>• Angathetha ngeendidi zezithuthi.<br>• Angangqala athethe ngeenqwelomoya.<br>• Angavelela uhambo ngenqwelomoya.<br>• Unokuvelela umba wokufundela ukuba ngumqhubi okanye izifundo namakhondo angqamene neenqwelomoya.<br>• Unokuvelela iingozi ezenzekayo zezithuthi.<br>• Angathetha ngobugcisa besayensi neteknoloji oluphucula iimeko zentlalo.<br>• Angathetha ngeemeko zaseMzantsi Afrika ezimalunga namaziko okanye Iinkampani zeenqwelomoya.<br><br>(Umviwa angawutolika ngendlela awubona ngayo umfanekiso engeyiyo le isikhokelo siwubona ngayo kodwa ke loo mbono mayibe kumxholo womfanekiso.) | | **[40]** |

1.7 Umfanekiso.

| | |
|---|---|
| Isihloko: | Umviwa makasinike isihloko isincoko sakhe. |
| | |

| | |
|---|---|
| Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. |
| Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. |

| | | | |
|---|---|---|---|
| Umxholo | **Kulindeleke ukuba umviwa abalise/achaze ngoku kulandelayo:**<br><br>• Usuku lomdyarho wamahashe ngokubanzi.<br>• Angakhankanya iimpawu zomntu oyinkweli nokhuphiswano lwamahashe.<br>• Ihashe lakhe alithandayo nezinto elizibalule ngazo.<br>• Umdyarho wamahashe njengendlela yokonwabisa abantu.<br>• Umdlalo wamahashe njengengeniso kwezoqoqosho.<br>• Umdyarho wamahashe njengomnye wemidlalo ethandwayo eMzantsi Afrika (Durban July)<br><br>(Umviwa angawutolika ngendlela awubona ngayo umfanekiso engeyiyo le isikhokelo siwubona ngayo kodwa ke loo mbono mayibe kumxholo womfanekiso.) | | **[40]** |

1.8 Umfanekiso.

| | |
|---|---|
| Isihloko: | Umviwa makasinike isihloko isincoko sakhe. |
| | |

| | |
|---|---|
| Imo efanelekileyo: | Intshayelelo, isiqu nesiphelo. |
| Ulwimi | Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo. |

| | | | |
|---|---|---|---|
| Umxholo | **Kulindeleke ukuba umviwa abalise/achaze ngoku kulandelayo:**<br><br>• Izandyondyo zeemvula gabalala.<br>• Iingozi zendlela ezibangelwa ziimvula.<br>• Angachaphazela umonakalo owenziwa ziimvula ezinkulu.<br>• Angathetha ngobungozi bamanzi.<br>• Iingxaki ezuvelela abaqhubi bezithuthi.<br>• Angathetha ngamava akhe kwimeko elolu hlobo awakhe wakuyo.<br>• Amaphulo anokwenziwa ngurhulumente ukukhawulelana neemeko zezikhukhula ezitshabalalisayo.<br><br>(Umviwa angawutolika ngendlela awubona ngayo umfanekiso engeyiyo le isikhokelo siwubona ngayo kodwa ke loo mbono mayibe kumxholo womfanekiso.) | | **[40]** |

**AMANQAKU ECANDELO A: 40**

**IIMPAWU ZESINCOKO**

Isincoko esibalisayo sibhalwa kumntu wokuqala okanye owesithathu.

- Masisebenzise ixesha eladlulayo/elidlulileyo/elimiyo.
- Masibonise ulwazi ngesihloko asikhethileyo.
- Abalinganiswa, isimo sentlalo, izizathu zokuhla kwezehlo ukuya kwisiphelo, mazibonakale.
- Iziganeko zichazwe/zibaliswe ngokulandelelana kwazo okanye zicace ezingunobangela wezinye, kungenjalo angasebenzisa izixhobo ezifana nophuphelo okanye ukuqala ngesenzo esingekehli/sokugqibela.
- Sisebenzisa amagama abonisa ixesha afana noo-emva, phambi, ngeli xesha.
- Sisebenzisa intetho yababini/ukuzithethela kwabalinganiswa.
- Ulwimi olusetyenzisiweyo malube lolokudala ifuthe noluchukumisayo kofunda isincoko, lungekrwada phofu.

Isincoko esichazayo sinokubhalwa ngokwexesha elidlulileyo okanye elangoku.

- Sichaza into/umntu/indawo/imeko, njalo njalo.
- Sisebenzisa amagama okudala umfanekiso.
- Sisebenzisa izixhobo zokuchaza ezifana nezichazi, izihlomelo, neziphuhlisayo ezifana nezifanekisozwi.
- Sisebenzisa imifanekiso-ntelekelelo nezafobe zentetho.
- Sivakalisa iimvakalelo zombhali.

## ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

**Imiyalelo yokumakisha**

- Kulindeleke ukuba umviwa abhale ngesihloko esinye kuphela.
- Imixholo ekhankanyiweyo isisikhokelo sendlela ezinokutolikwa ngayo izihloko ngabaviwa.
  Umviwa otolike ngendlela engabhalwanga apha ehambelanayo nesihloko makanikwe amanqaku akhe azeleyo.
- Umhlathi omde mawube namagama angama-60–80 ubude. (Umxholo kuphela.)
- Sebenzisa irubrikhi yeCandelo B enamanqaku angama-20 ukumakisha eli candelo.

**QAPHELA:**

- Zininzi iifomathi ezisemthethweni ezisetyenziswayo malunga nomhlathi ngamnye, ngoko ke abaviwa bangadlelelelwa ngenxa yefomathi ekungavisiswana ngayo. Makuzanywe ukuba wonke ubani azazi ezi fomathi.

**UMBUZO 2**

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

- Idilesi inye yeyomntu obhala ileta.
- Isibuliso – sesifanelekileyo, ileta iya kumama okanye utata.
- Intshayelelo, isiqu nesiphelo mazahluke zicace.
- Ithoni nerejista mazibonakalise ukuba ubhalela umzali wakho.
- Umxholo mawube malunga nokubulela imali obuyiphiwe yokuthengela umhlobo wakho isipho.
- Kwisiphelo kubhalwa igama kuphela.
- Izingxi azisetyenziswa kwidilesi, isibuliso nesiphelo. **[20]**

2.2 **ILETA ESESIKWENI**

- Iidilesi zimbini eyomntu obhalayo nalowo ubhalelwayo.
- Isibuliso – sesisesikweni. Umzekelo, Mhlekazi obekekileyo.
- Umcimbi/umba – xa ubhalwe ngoonobumba abancinci ukrwelelwa umgca.
- Ithoni nerejista mazibonakalise ukuba ubhala ileta esesikweni.
- Umxholo mawube ngowokucela uxolo ngokungangenisi ngethuba i-asayimenti kutitshala.
- Makuvele isizathu sokuba ingangeniswa ngethuba i-asayimenti.
- Isiphelo seseleta esesikweni – igama nefani zibhalwe ngokupheleleyo.
- Ulwimi malube lolusesikweni. **[20]**

2.3 **INGXELO EMFUTSHANE**

- Makuvele injongo yokubhalwa kwayo.
- Imiba mayibhalwe ngokweengongoma.
- Umxholo mawube ngedibheythi ebebenayo nabafundi besinye isikolo.
- Ulwimi, ithoni kunye nerejista zezifanele ingxelo engekho sesikweni.
- Kusetyenziswa ingxelo-ntetho.
- Makuvele imiba ekuye kwanyathelwa kuyo, isihloko, inkqubo neziphumo zedibheythi.
- Izihlokwana zamkelekile.
- Umbhali makasayine abhale nomhla ebhalwe ngayo ingxelo. **[20]**

2.4 **IRIVYU**

- Nika igama lerestyu nezinye iinkcukacha ngayo.
- Gxeka okanye uncome isakhiwo, indawo ekuyo, okungaphakathi kuyo, iinkonzo ezifumaneka kuyo nomgangatho wazo.
- Makukhankanywe amaxabiso okutya neziselo ezithengiswayo.
- Makukhankanywe nendlela abaphathwa ngayo abatyeleli kule restyu.
- Ungayinika amanqaku kwalishumi. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 20**

## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

**Imiyalelo yokumakisha**

- Kulindeleke ukuba umfundi abhale ngesihloko esinye kuphela.
- Umhlathi omfutshane mawube namagama angama-40–60 ubude. (Umxholo kuphela).
- Imifanekiso nemibala esetyenzisiweyo ayinamanqaku.
- Sebenzisa irubriki enamanqaku angama-20 ukumakisha eli candelo.

**QAPHELA:**

- Zininzi iifomathi ezisemthethweni ezisetyenziswayo malunga nomhlathi ngamnye, ngoko ke abafundi bangadlelelelwa ngenxa yefomathi ekungavisiswana ngayo. Makuzanywe ukuba wonke ubani azazi ezi fomathi.

**UMBUZO 3**

3.1 **IFLAYA**

- Mayiyilwe ngobuchule ibe nomtsalane.
- Makunikwe ulwazi oluquphayo nolucacileyo.
- Makuvele iintsuku namaxesha eeseshini zejim.
- Makuvele izinto aza kuzixhamla umntu kwezi seshini zejim.
- Makuvele iinkcukacha ezizezi: indlela yokunxibelelana - imfonomfono, iselula, ifeksi okanye i-imeyile kunye nedilesi. **[20]**

3.2 **UMYALEZO OMFUTSHANE KA-WHATSAPP**

- Makuvele igama okanye inombolo yomthumeli phezulu kwesikrini sefowuni.
- Makuvele umhla kunye nexesha efunyenwe ngalo.
- Makuvele igama leqela elithunyelelwa umyalezo.
- Umxholo mayibe ngowokhumbuza iqela ngomsebenzi ekufuneka niye kuwenza elayibhrari ongena kusuku olulandelayo.
- Amazwi athundezayo/akhuthazayo anokusetyenziswa. **[20]**

3.3 **IZALATHISI**

- Iinkcukacha ngendawo ekusukwa kuyo nekuyiwa kuyo mazicace zingqale.
- Izalathiso mazinikwe ngeengongoma okanye ngokomhlathi.
- Izalathisi mazilandelelane.
- Iimpawu zokusendleleni nasecaleni kwendlela eziqaphelekayo mazikhankanywe.
- Makusetyenziswe izenzi eziyalelayo kangangoko.

[**Ukuba umviwa usebenzise enye indlela echanekileyo esuka e *Train Station* ukuya *eHigh School* makanikwe amanqaku.]** **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

**QAPHELA:**

- Sebenzisa le rubriki rhoqo xa umakisha isincoko (Iphepha 2, ICANDELO A).
- Amanqaku phakathi kweli-0-40 ahlulwe ngokwamanqanaba amahlanu.
- AmaBINI okuqala kula manqanaba azizahlulo ngokomgangatho ongentla nongezantsi kwaza kwabekwa amanqaku ahambelana nale migangatho.

<table>
<tr><th>Ikhrayitheriya</th><th></th><th>Balaseleyo</th><th>Enobuchule</th><th>Phakathi</th><th>Buthathaka</th><th>Bubhetyebhetye</th></tr>
<tr><td rowspan="4">UMXHOLO NOCWANGCISO<br><br>(Impendulo nezimvo) Ukubekelela izimvo ngenjongo yokucwangcisa Ukubonakalisa ukuyazi injongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko<br><br>24 AMANQAKU</td><td rowspan="2">Umgangatho ongentla</td><td>22–24</td><td>18</td><td>12–16</td><td>7–11</td><td>0–6</td></tr>
<tr><td>-Impendulo ebalaseleyo enomtsalane,ngaphaya kobekulindelekile<br>-Izimvo zihlakaniphile, zixhokonxa iingcinga kwaye zinemfezeko<br>-Isincoko sibekelelwe ngobuchule obungaqhelekanga kwaye intshayelelo, isiqu kwakunye nesiphelo zibonakalisa unamathelwano olunemfezeko</td><td>-Impendulo ixonxwe ngobugcisa obukhulu<br>-Izimvo zinxulumene nomxholo kwaye zinika umdla,bukho ubungqina bemfezeko kwizimvo<br>-Iingcamango zibekelelwe ngokwakhelanayo kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo</td><td rowspan="3">-Impendulo iyanelisa ngokupheleleyo<br>-Izimvo ziyanamathelana noko kwaye zingakuguqula ukucinga kofundayo<br>-Iingcamango zibekelelwe ngokunamatheleneyo kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo</td><td rowspan="3">-Impendulo ingena iphuma emxholweni akukho lunamathelwano kwizimvo<br>-Izimvo azicacanga kwaye ezinye zazo zezemboleko<br>-Buncinci kakhulu ubungqina bobekelelo nonamathelwano lweengcamango</td><td rowspan="3">-Impendulo ayikho mxholweni konke konke<br>-Izimvo zibondene azigqalanga ntweni<br>-Azivakali izimvo kwaye ziyaphindaphindwa/ uthetha into enye<br>-Iingcamango zibekwe xazalala azinalunxibelelwano</td></tr>
<tr><td rowspan="2">Umgangatho ongezantsi</td><td>19–21</td><td>17</td></tr>
<tr><td>-Impendulo encamisileyo kodwa akukho zimpawu zakubalasela kubhekele phi kwisincoko<br>-Izimvo zivuthiwe zixhokonxa iingcinga<br>-Iingcamango zibekelelwe zandindaniswa ngobugcisa kuquka intshayelelo, isiqu kunye nesiphelo</td><td>-Impendulo ixonxwe ngobugcisa<br>-Izimvo zisemxholweni kwaye zinika umdla<br>-Sibekelelwe ngobuchule, kukho ukunamathelana kweengcamango okuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo</td></tr>
</table>

## IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO – ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO [40 AMANQAKU] (isaqhutywa)

| Ikhrayitheriya | | Balaseleyo | Enobuchule | Phakathi | Buthathaka | Bubhetyebhetye |
|---|---|---|---|---|---|---|
| **ULWIMI, ISIMBO & NOKUHLELA**<br><br>Ukuhambelana kwethoni, irejista, isimbo, isigama kunye nemeko Ukhetho-magama Ukusetyenziswa kolwimi nesigama Iimpawu zobhalo, izakhi zezivakalisi, nopelo<br><br>**12 AMANQAKU** | | **10–12**<br>-Ulwimi lugqwesile nezafobe zisetyenziswe ngethoni ephumeza ukudlulisa umyalezo<br>-Phantse kube akukho nasinye isiphene solwakhiwo zivakalisi, upelo nesokusetyenziswa kolwimi<br>-Sixonxwe ngobugcisa obukhulu | **8–9**<br>-Ulwimi lunomtsalane kwaye luyaziphumeza iinjongo zokubhala<br>-Ithoni ifanelekile kwaye iyaziphumeza iinjongo zokubhala<br>-Zimbalwa iziphene zezakhi zezivakalisi kunye nopelo<br>-Sixonxwe ngobugcisa | **6–7**<br>-Kuyanelisa ukusetyenziswa kolwimi kodwa kunamakhwiniba angephi<br>-Ithoni ifanelekile kodwa ubambe isandla ekusebenziseni izafobe zentetho | **4–5**<br>-Ukusetyenziswa kolwimi kubonisa ububhetyebhetye<br>-Izivakalisi zinobuthathaka-azitshintshwa-tshintshwa<br>-Isigama sinqongophele ngokubalaseleyo | **0–3**<br>-Ulwimi aluvakali<br>-Ukunqongophala kwesigama kubaxekile kangangokuba ayinasihlahla into ebhaliweyo |
| **ISAKHIWO**<br><br>Iimpawu zetekisi Ukukhula kwemihlathi nokwakhiwa kwezivakalisi<br><br>**4 AMANQAKU** | | **4**<br>-Isihloko sikhuliswe ngokuncamisayo<br>-Iinkcukacha zibalasele ngokungaqhelekanga<br>-Izivakalisi, imihlathi zakhiwe zaqiqiqsiswa ngokugqwesileyo | **3**<br>-Iinkcukacha ezinengqiqo zikhuliswe ngokwakhelana<br>-Izimvo zinamathelene<br>-Izivakalisi, imihlathi zitshintshatshintshwa ngobuchule obuqiqisisiweyo | **2**<br>-Iinkcukacha ezisemxholweni zikhulisiwe<br>-Izivakalisi, imihlathi zakhiwe kuhle<br>-Isincoko sibunjwe ngengqiqo | **1**<br>-Zikho iingcamango ezamkelekileyo<br>-Isakhiwo sezivakalisi nesemihlathi sinamakhwiniba<br>-Isincoko sisenayo ingqiqo | **0**<br>-Iingcamango ezifunekayo zinqongophele<br>-Isakhiwo sezivakalisi nesemihlathi sigxoko-gxoko<br>-Isincoko asinangqiqo |
| **UMMANDLA WAMANQAKU** | | **33–40** | **28–30** | **20–25** | **12–17** | **0–9** |

## IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHI EMIDE NEMIFUTSHANE – ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO [20 AMANQAKU]

| Ikhrayitheriya | Balaseleyo | Enobuchule | Phakathi | Buthathaka | Bubhetyebhetye |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO , UCWANGCISO NEFOMATHI** | **10–12** | **8–9** | **6–7** | **4–5** | **0–3** |
| Ukungqala kwempendulo nezimvo<br>Ukuqoqwa kwezimvo ngenjongo yokucwangcisa<br>Injongo yokubhala, abo kujoliswe kubo, iimpawu/imigaqo yetekisi, kunye nemeko<br><br>**12 AMANQAKU** | -Impendulo igqwesile ibonisa ukuqiqisiswa kwezimvo<br>-Izimvo zihlakaniphile kwaye zivuthiwe<br>-Luphangalele ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi<br>-Umsebenzi ungqalile akukho kugqwidiza<br>-Kubonakala ukunamathelana kwizimvo nomxholo<br>-Iingcamango zidakancwe ngobunono kwaye zonke iinkcukacha zixhasa isihloko<br>-Ifomathi ifanelekile kwaye ichanekile | -Impendulo ibonakalisa ukuchaneka kanobom ulwazi olunzulu lweempawu zolu didi lwetekisi<br>-Ingqalile ayiphumi nasemxholweni<br>-Izimvo zixonxwe zadakancwa ngokunamatheleneyo kumxholo nezimvo<br>-Iinkcukacha zixhasa isihloko<br>-Ifomathi ingqalile iindawana ezikhoyo ezingachanekanga aziyiphazamisi injongo yokubhala | -Impendulo iyanelisa ibonakalisa ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi<br>-Izimvo azisoloko zisemxholweni kwaye kukho nokugqwidiza<br>-Ukunamathelana kumxholo nezimvo. Kwenzeka ngokufanelekileyo<br>-Ezinye iinkcukacha zixhasa isihloko<br>-Ifomathi ingqalile kodwa zikho iindawana ezingachanekanga | -Kubonakala ubunzima malunga nolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi<br>-Zimbalwa izimvo ezisemxholweni kodwa kuninzi ukuphuma ecaleni<br>-Kunqabile ukunamathelana komxholo nezimvo<br>-Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko<br>-Imigaqo yefomathi ephambili ityeshelwe okanye isetyenzisiwe ngokungaqondi | -Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi<br>-Intsingiselo ilahleka rhoqo kukho Intsingiselo iduke kwisakhiwo esixazalala<br>-Akukho ukunamathelana kumxholo nezimvo<br>-Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhasa isihloko<br>-Imigaqo eyimfuneko yobhalo lwale tekisi ityeshelwe |
| **ULWIMI ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA** | **7–8** | **5–6** | **4** | **3** | **0–2** |
| Ithoni, irejista, isimbo, injongo/ifuthe, abo kujoliswe kubo kunye nemeko<br>Ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo<br>Uchongo magama<br>Iimpawu zokubhala kunye nopelo<br><br>**8 AMANQAKU** | -Ithoni, irejista, isimbo, isigama zifanelene kakhulu nenjongo, abo kujoliswe kubo kunye nemeko<br>-Izakhi zezivakalisi zisetyenziswe ngokuchanekileyo<br>-Phantse kube akukho nasinye isiphene | -Ithoni, irejista, isimbo, nesigama sifanelene kakhulu nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko<br>-Izakhi zezivakalisi zichanekile kwaye umyalezo wakheke kakuhle<br>-Isigama sichanekile<br>-Ubukhulu becala azikho iimpazamo | -Ithoni, irejista, isimbo, isigama sifanelene nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kwakunye nemeko<br>-Izakhi zezivakalisi zibonakalisa iimposiso<br>-Isigama siyanelisa<br>-Iimpazamo zobhalo ezikhoyo aziyiphazamisi intsingiselo | -Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azifanelananga nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko<br>-Izakhi zezivakalisi zineemposiso ezininzi eziphazamisa umyalezo<br>-Sinqongophele isigama<br>-Kukho amagingxi-gingxi kwintsingiselo | -Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azifanelananga nenjongo, imeko kwakunye nabantu ekujoliswe kubo<br>-Izele ziimpazamo ixazalala iyadida<br>-Isigama asihambelani nenjongo<br>-Intsingiselo ilahlekile kakhulu |
| **UMMANDLA WAMANQAKU** | **17–20** | **13–15** | **10–11** | **7–8** | **0–5** |